# UQhawe uyalazi ixesha



NguZandile Malaza



UQhawe unewotshi entsha. Ufunda ukuchaza ixesha.

“Uyakwazi ukufunda ixesha uQhawe,”utsho uMakhulu.

Eyona ngxaki kukuba uQhawe akalibambi ixesha.

Yonke into uyenza ngokucotha.

“Yintsimbi yesithandathu ngoku Qhawe.

Lixesha lesidlo sangokuhlwa!” utsho umakhuku.

UQhawe utya isidlo sangokuhlwa ngokucotha.

“Le nkwenkwe icotha okombungu,” UMakhulu uyacinga.





“Yintsimbi yesixhenxe ngoku Qhawe. Lixesha lokuhlamba ulungiselele ukulala” utsho uMakhulu.

UQhawe uxukuxa ngokucotha. Ulungiselela ukulala ngokucotha.

“Le nkwenkwe icotha okwenkumba,” UMakhulu uyacinga.

Ngentsimbi yesithandathu kwintsasa elandelayo, uQhawe usalele ebhedini.

“Vuka, Qhawe!” utsho uMakhulu.

“Le nkwenkwe icotha okwesongololo,” UMakhulu uyacinga





Yintsimbi yesixhenxe kusasa.

“Khawuleza, Qhawe, uza kufika emva kwethuba esikolweni.” utsho uMakhulu

UQhawe uhlalmba ngokucotha.  Unxiba ngokucotha.  Utya isidlo sakusasa ngokucotha.

“Le nkwenkwe icotha okolovane,” UMakhulu uyacinga

Yintsimbi yesibhozo kusasa.

UQhawe ufike kade esikolweni.
Akusabonakali namnye kubafundi.

“Khawuleza, Qhawe!” utsho uMakhulu.
UQhawe uthe chu,  uhamba ephumla ukuya esikolweni.

“Le nkwenkwe icotha okofudo,” UMakhulu uyacinga




3 X 5 =
5 X 5 =
0 X 5 =
2 X 5 =

Ngentsimbi yeshumi kusasa, uQhawe ungena kwigumbi lokufundela eshixiza.

Bonke bayamjonga. Ushiywe kakhulu lixesha!

UQhawe unomjojo. “Andisokuze ndiphinde ndifike emva kwexesha,” uyazithembisa

Ngentsasa elandelayo, uQhawe uvuka kwangethuba ajonge iwotshi yakhe.

Yintsimbi yesihlanu uMakhulu usalele.

Ngokukhawuleza uQhawe ulungiselela ukuya esikolweni.

Namhlanje ayingoQhawe ufudo. Namhlanje nguQhawe ingwenkala!





UQhawe uyaletsheza ukuya esikolweni.

Ujonga iwotshi yakhe. Yintsimbi yesixhenxe kusasa, ungowokuqala ukufika esikolweni




Namhlanje uQhawe ufike ngethuba. Uyakwazi ukufunda ixesha. Kananjalo usaqhubeka ukufika ngexesha.

UMakhulu wanelisekile nguye.